IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION).

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, MARCH 23,1885.

[No. 21.

J. HILNER,

Umenzi wentsimbi zamaxesha

E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobontlobo zemisesane, iwotshi,

Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha atile

M. L. GERRARD,

Umteteleli kwi Ofisi yemantyi e Komani.

Uteta amatyala kwi ofisi ye mantyi. Iminqopiso yokwananwa kwemihlaba uya. yifeza kwaneye mvumelano.

Ulungiselela abo baqondayo ukuba abanakuwahlaula amatyala abo ngokubala amapepa abonisa oko.

Abanemali ebanjwa ngabangena kuhlaula amatyala ivakaliswa nguye into leyo ematyaleni. Iminqopiso yamafa nyayibala, kwanezinye into zase mtetweni. Uhlangamsa izikweliti, ayinike utniniyo itnali kwa oko. Incwadi zabasebenzi usigcina kakuhle.

SITUATIONS.

Vacant and Wanted.

THE "IMVO" having an exceptionally large weekly increasing circulation for a New Paper throughout the Colony and the adjacent Territories, is the best means of advertising for Native Servants with recommendations.

Terms—Three insertions, 5s. cash, for ' parti s advertising Vacant Situations.

R. W. ROSE-INNES

Umteteleli-Ematyaleni, Umqinisi,

WE MVUMELANO,

Umanani Weziqiniselo.

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteteni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba unokufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqini. selo somhlaba unokwenzelwa. Lemise benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

U Abraham K. MALO,

Umteteleli ema-Tyaleni,

KWA-QOBOQOBO.

Kanipe Amehlo!

E-MTWAKU ngo February ndilahlekelwe ngama hashe am a'mabini: Inkatyana ebomvana enebalana elingwevana mayela emva komkono inesilonda emhlana. Itokazi eligwangqakazi elitshoba limnyama. Oma. bini akurninyaka emitatu ubudula.

WALTER KOBE NTSIKANA.

Maci's Kraal, St. Matthew's,
27th Feb., 1885.

Paula oku!

JOHN CHARLTON,

Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwanziwa kwezi qiniselo zomhlaba—yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyala.

KANIPE UMKONDO?

BONISANI umfana kusoloko wemnka apa ngo kubanjwa, waya Emonti ngo January 1883. Igama lake ngu Sanisi elinye ngu John Nkomo; u yiae ngu Jacob, ibala lake umnyama ; lirwanqa mfutsham. Umnytu osilandise umkondo wovuzwa ngo kwaneleyo.

ISAAC A. MOTAUNG.

Zuurfontein, Tarkastad,
March 6, 1885.

ICAM ELIKULU! ICAM ELIKULU!

Ngeli-xesha lokutengisa uboya.

C. FENNELL & CO.,

ABAYITENGISELA UKUBA IPELE TU IMPAHLA YE VENKILE YABO.

BAZIMISELE ukuyitengisa yonke impahla esaseleyo, yengubo zamadoda nezamankazana.

Njengokuba kuzakutengiswa u boya nje bayakuyitengisa ngamaxabiso ade agqitisa ngobupantsi.

APO BAKONA KUSE MACLEAN STREET,

ISAZISO KWABANTSUNDU.

'Kwa PASCOE BROTHERS,

E-AYLIFF STREET.

Iprinti ezintsha ezimfusa, Iprinti ezintsha ezidaki, izitofu zelokwe, Ilinzi ezi Ngwevu okumdaka, Ngwevu oku- kanyayo nezi Mfusa. Ityali ezintsha ezingwevu, nezimfusa nezimnyama, zentlobo ezintsha, zamaxabiso ngamaxabiso. Izihlangu zamankazana eziqala kwi 1/. Ikeleko eziqala kwitiki iyadi.

OMAKUPAULWE.

I-Seteni emhlope esezenziwe izivato (zitshipu). Izigubungelo neveyile zomtshato njalo-njalo.

Yonke impahla efunwa ngabantsundu abazakutshata ihleli iko ilungele ukunxitywa.

IZISULU! IZISULU !

J. no C. HEDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

E-QONCE.

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayeleke tu kwakamsi- nyane.

Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.

Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

D. THOMAS,

Ibaki Umenzi nomtengisi wento Ezimnandi,

E-BANK STREET

E-QONCE.

Uvulele aba ntsundu indlu eyodwa yezixaso kumnyango olunge nowalanalu yake indala.

Izixaso kusoloko zilungile amaxesha onke. Kuko nendlu eyodwa eyokutyela yona. Izonka Zomtshato zenziwa kwanguye.

JOHN J. IRVINE & CO;

Abatenga impahla kwamanye amazwe,

Kakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla emfutshane,

BEMPONDO,

Nokudla, njalo njalo.

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenjalo ke sondele ekufumamni eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa ngento esukuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE & CO.

Abatenaa impahla kwamanve amazwe

Malungana nelifa elishiywe linge nzelwanga myolelo lika WILLIAM SNODGRASS, wase Lucwecweni e-Batenjini.

EKUBENI lo ugama kuqukunjelwe ngalo ngapantsi apa emiselwe ukuba abe *Ngoye Oneso Kulomzi* ushiywe ngulo ogama lingasentla apa, uyabacelake, ukuba bati bonke abanamatyala abo angahlaulwanga kulomzi bawasingise kuye. Ze bati bonke abanamatyala abamelwe kukuwahlaula bati ngapandle kokuzilazila bawakupe bayisingise intlaulo kwakuye, kuba hleze bade basondelwe ngokwasemtetweni.

LAWRENCE C. GEORGE, Ogciniswe Lomzi.

ELucwecweni, e-Batenjini, March 12th, 1885.

Iveki.

U-RULUMENI wase Kapa uvakalise ukuba uza kumisa Isebe lakwa Rulumeni lokulnngi- selela into

INKOSI engu Secheli engapaya kwa Barolong itumele isicelo ku Mr. Upington sokuba itatyatelwe pantsi kwepiko le Nkosazana kwangoku. Ama Bulu ebeyawaqalile nku- ngena ezweni lake.

KUVAKALA ukuba umanz'-abomvu ungxa- mele ukutwal' amehlo e-Mtata nase Mampo- ndweni; selede wafuna

I-CUMAKALA lipitizeliswe kwakona kuku- htiwa komntu ontsundu obedlula yingqaka- qa. Ubehle wabekwa nxamnye, upiwa imi- ciza ngu Rev. Mr. Beste.

IPEPA lase Alvani liti u-Samuel Moroko usand' ukugqita e-Herschel esinga e-Ndenxa. Beke seva kutshanje ukuba ubese Lusutu.

UKUZA kusuku Iwe 10 lo March abantu abebeaemnqubeni apo yongelwa kona ingqa- kaqa e-Burgheradorp bebe 39. Ababini kwe- linani basafa kakubi, amashumi amatatu ana- ntlanu basingisela ekupileni, ababini sebe-hlalele ukukutshwa kuba sebepilile.

BABINI abamhlope abebehliwe yingqakaqa e-Burghersdorp, ngoku aebepilile.

U-RULUMENI wela Mangesi ugqibe kwelo- kuba ape usapo azalwa nalo umfi u-General Gordon imali exabiso likumawaka amashumi mabini eponti.

EPENDULA umbuzo obubekiswe kuye kwi- nkundla ye Palamente pesheya ngokumelana kwe Ngilane nama Rashiya, ute u Mr. Gladstone inteto isahambiseka pakati kwezo zizwe ekungafanelekile ukuba ivakaliswe okweloxa.

UDABA olusand' ukuvela kwela Mangesi luyetembisa ngempilo ka Mr. Jonathan Ayliff.

AMABUTO amabini amajoni alungiselelwa Pesheya ukuya e-Natal. Ngala—1st. Batta- lion Weish Regiment ne 2nd. Battalion South Lancashire Regiment.

AMA Jelimeni ase Dayimani abute imali ekn £200 ati aza kuyitumela kwipakati eli- kulu lelama Jelimeni u-Prince Bismask ukuba aqube ekumiseni ikoloni eziya kupatwa kwelozwe apa kweli letu.

IBUTO lama Bulu ela Bahlambeli elihlal' e- Rooi Grond lihlangene no General Warren lamcela ukuba acedulule imfanelo zabo kwe- lozwe. I-General ite mabawatumele amape- pa abonisa imfanelo zabo, kodwa mabanga- hambahambi besiti banefama kwelozwe, enye into akayazi into abasikungu ngayo e-Rooi Grond.

INDODANA abati ngu Petrus Johannes Pelser yase Burghersdorp eyalingisa u-W. F. Irvine ngompu, nekwaka kwako inteto epiti- zelayo ngayo kulomzi igwetywe yimantyi ukuba ihlaule iponti ezintatu okanye ihlale inyanga ezintatu etolongweni.

KUFUNYENWE nmntu onengqakaqa ngo Mvulo kwindlu etile yase Maxambeni ase Bayi. Ubehle wakauleziselwa kwi hospital yabengqakaqa. Umntu lowo ubevela e- Tyume.

I-BISHOP yakwa Zulu yaka umzi wesikolo ekutiwa ngowakwa Magwaza.

LEMVULA yona yale Cawa idluleyo. yana kuzo zonke indawo zeli.

INGQAKAQA ayikabonisi kudamba kwisitili sase Alvani. Sekungcwatywe abantu aba- mnyama abakwishumi elinesixenxe kumca- ncato wase

U-MR. LONGDEN obelikumsha e-Komani ulupumelele uviwo lokuba ngumguquli we- nteto e-ofisini.

NGEZINTSUKU ijaji iyakuteta amatyala kwe- zindawo: ngolwesi-Tatu 25 March, e-Bur- ghersdorp, ngo Mgqibelo 28 March, e-Coles- berg, ngolwesi-Bini 31

IZIKOLO zapgapandle ziyakufumana ixesha lokupumla. ngolwesi-Hlanu oluzayo 27 March. Ixa lokuzivula kwakona izikolo lolo Mvulo 13 April.

ABANTU ababese ntolongweni yase Maritz- burg e-Natal ngosuku lo Mvulo 16 March babe 223 ; amadoda amhlope 31, amnyama 149, abafazi abamnyama 4, ama Lau 4, ama- Laukazi 2, ama India 32, abafazi bama India 3.

ULUBO kutiwa lusangati lute nqum kanye ngoku e-Cacadu (Lady Frere), amapolisa akona akalele abukali kanye.

NGASE Monti, litsho elakona, kuko umlu- ngu ofama ebete ama Xosa aqesha kunene kuyo. Ngeveki edluleyo xa umlungu lowo ebehlanganisa imali yake, ute akuba engayi- fumani wabuta inkomo zabo.

KUTIWA abantu abantsundu base Cacadu bayawala umsebenzi xa banikwa 2/ ngemini bafuna 2/6. Lonto iyawarorisa amagwa- ngqa.

AMAZULU aceba ukuba inkomo kulendawo kutiwa igcinelwe u-Rulumeni, oku akwenzele ukuba ade u-Rulumeni awalungiselele umhla- **ba.**

liwe osuka e-Gqili oya e-Dayimani lelika Fairbanks & Co., eli belisimba

AKUKABUTE kuhliwe bani yingqakaqa ku- mzi ka Mfiki e-Xesi kwezimini.

SIQONDA ukuba ngolwesi-Tatu 25 March kuyakubako intlanganiso e-Ncemera yoku- ngenisa kubufundisi obuzeleyo, ngokubekwa izandla ngabafundisi kuka Mr. Walter Ru-

Imvo Zabantsundu.

UKUMIWA KWELA BATEMBU.

KUYINTO ebuhlungu ukucinga amagqugula yindlu ye Palamente, ngamabini, ne Komityi ukuba alungiselele ukumiwa kwelakwa HALA, unanamhla elolizwe alikadanga lilungiselelwe. Oku kususela kwimfazwe ya Besutu. Ngambalwa singati pambi kokuba zihle izipitipiti ezehla kunye nemfazwe eyaqala e-Lusutu, umhlaba wakwa HALA ongundaba mlonyeni ngoku wawumiwe zinkosi ezine U-MATANZIMA no NDARALA, no GECELO, no STOKWE. Ite yakupembeka imfazwe e-Lusutu yafumana isikota nakwela Batembu, yabandakanya U-GECELO no STOKWE kondiyalwa, kodwa U-MATANZIMA no NDARALA baba ngamagogotya. Ipelile imfazwe usuke u-Rulumeni wawutabata umhlaba wezinkosi zone njengokungati bezilwe ngobune bazo, ngokwenjenjalo wenza okungafanelekileyo okungasoze kulityalwe ngabantu. Kwakubona ukuba ilizwe la Batembu litshayelwe lacokiswa ngamavolontiya, kute kuba imvelo ingamelani nokuba kubeko isituba nje esize, Amabulu afuduka kwizitili ngezitili kweli lizwe—-ek' oko ukusinga kulo. Wabeke yena u-Ruiumeni ebeselemisele ukuba ke limiwe ngabaninilo abebengalwanga naye de alibonele uhlobo elingati limiwe ngalo. Ate kuba Amabulu asuko enza umqodi omnye likungena adibana nabemi bemangqanzi belozwe, lonto yadala isidubantini. U-Rulumeni upange ngokumisa i-Komityi ete yona yakuleza ngokumisa umda pakati kwalomhlaba ebeya kumisa Abelungu kuwo nalowo ebeya kuwabela abantsundu. Nakubake kumhlope ukuba nomhlope nomnyama wabeya kuzama ukuba elake icala ligqitise kwelomnye—Amabulu akwenzile ooku—amawetu anelisiwe yilondawo abetenjisiwe ukuba aya kusikelwa kuyo yi Komityi. Zicandiweke ifama amacalana omabini omda zicandelwa abamhlope nabamnyama, site ke tina base Koloni mayibe namhla inkani ipelile. Ukanti akunjalo. Kufuneka utyelelenje e-Batenjini ukuze wena mtandi wentlalo ezolileyo ufumane ukuba ixesha eli lonke ube upakati kwalento bati abase Mangesini yi Paradesi yezibanxa. Imbangi zoku kupitizela kwezinto zizintlobo ngentlobo. Sakuke siziti gqaba-gqaba kulenteto, ze sivakalise umoya wabantu bakowetu malungana nazo. Besesite bati bakubona ukuba abakufumani abebengatanda bekufumene abantu bakowetu basebexolela ukuhlala pantsi bazisikele izikaka ngangokuba lomgqweto wabo wawungako- Bakubona ukuba. bapalaze inyembezi ezininzi—ukuba azipumanga ngalamehlo abonwayo kodwa zapumela ngapakati—abaya bantu babene fam ezinkulu pantsi kwenkosi, ezazihamba kwi mokolo eziliwaka nakumawaka amabini, ababezifumene no Rulumeni esazi, ababantu bavuma ukutabata kwi Komityi amakulu ngamahlanu abanye ngasixenxe.

" Kwabako kwakona indawo ezashiyelwa abantsundu abaziwayo ukuba ngabayitobeleyo Inkosazana (ke ngoku sicapula kwingxelo ye Komityi) abanezimilo, nabangenamfuyo ininzi, ngapandle kokucalula luhlanga, ababekelwa iziqiti ezisuka kwi mokolo enye ziye kwishumi linantlanu zomhlaba wokulima ababeya kurafa ngesheleni ezintlanu ngemokolo ngonyaka, ezimokolo zokulima zibafumanisise idlelo eliya kucandwa ngohlobo lokuba ngemokolo enye yokulima afumane imokoloeziyakuqala eshumini ziye kwishumi linantlanu zedlelo: umhlaba wokulima neziza ucandwe kwindawo ezingalungela ukwakiwa kwemizi. Idlelo licazwe mblope ngebakana." Ezi zindawo ezizintloko ezamiselwa y Komityi ezazimelwe kupaulwa ekumiweni komhlaba wa Batembu ngabantsundu. Sesite ezindawo zonke zazamnkelwe ngabantu; singena apa ke isikalo—ekokubeni zingafezwanga. Abantu ababetenjiswe ifam ezimokolo zilinani elitile bazifumene ezimokolo epepeni kwakupela ; "ezambedlenge " ezazitenjiswe imokolo ezilishumi nezilishumi linantlanu ngemokolo yomhlaba wokulinia zanele ukufumana isitunzi njekodwa ubumburu bona abuko. Zinto ezinjengezike ezidala ukusweleka kokuzola.

Pezu kwako konke oku, kuvakala ngoku kuko inteto eyenzelwa ukukolisa Amabulu ase Xalanga ekuvakala ukuba akakoliswa yindawo yokuba ebandakanywe ne Cala—inteto yokuba lamda aye funa wona Amabulu owaummelwe ngu Mr. VAN RENSBURG otabata ku Mtintloni upose ama Cala no Mnxe ku Mangesi uza kuba nguwo ngoku omayo. Oku sikuve kuqala kwincwadi yelinye lamafama akuteleyo lase Batenjini esiyishicilele ngeveki engapaya kwedluleyo. U-Mr. MANKAYI RENGQE ogama laziwayo yinkoliso yabafundi betu, usibalele esibalisela ngentlanganisq abebenayo e-Cala, abahlangene kuyo zwini linye lokukuba kucelwe umantyi ukuba ababelele ku Rulumeni ukuba lomda ungavunyelwa. Umbaleli omhlope we *Cape Mecury,* elinyelamapepa endaba alapa e-Qonce, obonakalayo ukuba akamhlobo ku Mr. LEVEY imantyi yase Cala nase Xalanga, uvakalisa kwalonto, esiti into leyo yenzelwa ukukolisa Amabulu angakolisiweyo kubandakanywa ne Cala. Nokokuba yintonina engaba ingxanyelwe ngokuguqulwa komda siyatemba ukuba, egameni lokuzola lenteto ayinyaniso. Ukuba lonto yinyaniso iyakuba ikutaza abo bateta ngokuhva nangokusongela ukuze bayifumane into abayingxameleyo, ikutaza kwakona abo babonakala befuna wonke umntu omnyama welilizwe epetwe ngoluya hlobo wapata ngalo U-NABOTT ngukumnkani wakudala entweni zomhlaba: ngenye indlela into enjengale iyakubanga ukuba ontsundu angabisakolwa yinto etetwa ngu Rulumeni. Lento kwakona iyakubanga ukuba abantu abamnyama babesoloko bengonotwal' impahla apo e-Batenjini. Ukuba into le ayinyaniso kumfanele u-Mpatiswa Micimbi yaba Ntsundu ukuba ayikanyeze ngokungashiyi matanda. Lifikile ngoku ixesha lokuba lemicimbi imiswe apo imiswa kona kube kanye, abantu baxunywe ezintweni zoxolo nokuhambela pambili ekukanyeni, oku kumana besuswa bebekwa akusakubanga ukuba ezindawo zifezeke.

Amanqaku.

KWINGXELO yonyaka odluleyo ye Sikolo saba Ntsundu sase Kapa ekutiwa yi Zonnebloem, ebesitunyelwe ukuba siyikangele sipaule ukulunga nokungalungi kwaso, sifumana ukuba eso Sikolo s'ipantsi kwelifu elitile. Baya bencipa abangenayo, kwaye kute kwimviwo-mviwo ezibakoyo asaze sibe nakuzibalula nganto. Uhlobo-lwenteto ka Warden Peters ige- ziziitfo aiyaluncoma kanye, kuba indicia abebequba ngayo abazintloko kwezinye izikolo ibe iyile yokuzivutelela amaxilongo abo kwabona ngokwa- bo nokuyihambisel' apa impu- melelo abasukuba bete ngexa elitile bayi- fumana, ze bati xa ngaba bate abapume- lela babiye babiye ngokubonisa izizatu- endaweni yokusuka bayixele into njengo- ko injalo mayelana nezikula zabo bayeke- ke. Kuyinifaneloke ngoko ukuba siti ukuyisondela kwetu lengxelo siyisondele ngolovelwano India ngokutikelela esifu- beni somntu xa ngaba uva isikalo somnye umntu osengcinezelweni. Inkoliso yaba- fundi abantsundu abebete elixesha bayibangela i-Zonnebloem ukuba ihlal' inento yokwenza, ngababevela e-Batenjini kulo- inafama aquba kakuhle kona. Batunye- Iwa kona ngabazali ngokuti bacinge oko- kuba yeyona ndawo ingumzi wemfundo onika imfundo ngokufanayo komhlope nomnyama ngapandle kokuba kubeko kete lani. Ukumana bewunyeka ngabanye ukupuma abantwana abo kubange-Iwe ngelinye icala lilanga eli likoyo, ngelinye kubangelwe nakukungapumeleli kwentsapo yakona ezimviweni. Ingxelo yomzi lowo'ke, yona iti ngokungapezulu kuwunyeke abafundi abamhlope, ekutiwa ke bona bemnkiswa " kubabecekisa uku- dibana nabantsundu. Ngelaxa abafu- ndi abantsundu bebengapantsi nakwesitandatu," iquba yenjenjalo ingxelo, "aba- fundi abamhlope bebekumashumi ama- bini anantlanu. Kodwake lati kwalakut' ukut' ukwanda elabantsundu inani lawu- nyeka elabamhlope." Utike yena u- Warden Peter's " ngokumayelana neli- kwele akukonto ingatetwayo ngapandle kokusuka kutiwe likwele." Yena aka- kolwa ukuba kuko bubi baka bada be- nzeka "bokonakalisa isimilo nompefumlo nowayipina indodana emhlope e-Zonnezaba Tembu esibangele ukuba abantwana bazo zibatumele e-Kapa, sesi sokuba benga bangaxubana nama Ngesi ukuze isingesi babe nokusiteta ngokuhlambululekileyo. Bekutelekelelwa ukuba mayibe lamakwele asinto ikoyo apo e-Botwe njengalapa kwelicala langaneno e- Koloni. Njengoko saka saya nati e-Kapa apo kwiminyaka emibini edluleyo, sina- ko ukuti ngeloxa ebengekabiko lamakwe- le. Silusizike ukubona ukuba nase Kapa ngoku aseleyivusa lempembelelo yawo ikohlakeleyo.

OKOKUBA imfundo enikwa abantsundu naba jnhlope e-Zonnebloem inye iyafana oko koqondiswa yiriteto ka Rev. Canon Peters ngohlobo ati uyinika ngalo imfundo kulutsha olusukuba lusiwe kuye. Isininzi ebesingekangenwa ngumoya wa- lemfazwe kade iliwa, ngacalanve ku- njalonje, kuliwa nemfudiso yelisebe le- nteto zasemzini, boba nokutelela kulama- zwi asidima sinje ka-Peters ngento eyiyiyo imfundiso yezinteto neyobulu- mnko bamanani nemilinganiselo :

"Indlela esiyiquba ngayo imfundo yetu si- yimise kwesisiteto sokuba ezinteto (Classics) nelisebe lemilinganiselo (Mathematics) kupe- la kwezonanto zaziwayo zinengqitisela eku- buqeqesheni ubucopo ngokwecala lengcinga nasekubeni bube namandla ekuzityileni ingcinga zabanye abantu."

" Esisalelo sahlala sinokuvelwa side site- twe nokutetwa kubantu abamisebenzi isaku- ba ingayi kuba yepakamileyo, ekubeni bafu- nde ezizifundo nabo, ezikangelelwe ukuba zi. yimfuyo yabazizityebi, kubonakala ukuba olo luvo lutatwe ngendlela engeyiyo, into eyi- yo imfundo kwanemfanelo yongafundisayo ayigqalwa."

" Imfundo le kukuqeqeshwa komntu ngapa- kati nasemzimbeni, ngokuyicazululayo kanye imizimba yetu masiti, kuqeqeshwa komzimba nompefumlo. Kukumenza uluto nmntu. Eyona nto ikangele kuyo asikukuvelisa aba- kandi bentsimbi, abasiki-ngubo umhlaumbi amagqweta (nakuba ndikolwa ukuba imfu. ndiso yobugcisakwanengqeqesho ezonto zinako ukubandakanywa zigutywe kunye nemfu- ndo), koko kukufuna ukuvelisa amadoda ane- ngcinga ayakuti awasebenzisele onke amandla awo eluzukweni Iuka Tixo—elungelweni loluntu nase lonwabeni Iwawo ngokwawo no- mvuzo wawo. Imfaneleko yongofundisayo yena kukwenza ngalomalinga abonakala ku- ye ingawona kunokuti ngawo zifikelelvre ezi ncam. Ngokoke kuti xa inkwenkwe emnya- ma nokuba yeyalipina ibala inikelwe kuti, kubonakala okokuba yoka ngokufunda imisebenzi eyenziwa ngamadu- da adumileyo akudala—ukuba kuko ukunga- viaisani pakati kwabo bapantsi (kutshiwo) kuba beaebeuza ngezandla, kwanabo bamse- benzi iyeyapandle noqeqesho Iwengqondo, elo asityala lofundisayo laye lingenaye neyeza —nokoke aaiyiyo leyo eyona nto aikangele kuyo ekuzifundieeni ezilwimi zakudala."

" Sizisebenzisa njengezintonje zokusebenza, aaazi ndlela yimbi inokuyenza ukuba icinge inkwenkwe—ukuyenza ukuba ibe nokuziqonda ingcinga zabanye nokuba ibe nokuzivakalisa kakuhle ezayo—ngapandle kokuba siyenze ukuba iguqulele olanye ulwimi kolunye, ekubeni nokunika lomandlake akuko Iwimi zinjengezi zimbini olwase Greece no- Iwase Rome."

" Ekungakatalekiyoke nokubana yapumayonje esikolweni inkwenkwe leyo ezinteto yaka yazikangela ayizanga kusinina, kodwa zona zilenzile elazo icala, ngangoko sizisebenzisela indawo yona eyona bazifundiselwe yona. Zibe zizinto zokusebenza ukuquba imfundo, enokokubana ibisate ga pi inkwenkwe, akukataleki, kweso siganga ikuso ingqeqeshelo yengqondo yaye ibiqutywe kakuhle."

" Abo bangavisisaniyo nezindawo bonwatyiswa kukuva ukuba kusekubantu abamba- Iwa esitate sazilinga, zaye neziqamo ingezizo nezingade zoyikiae ukuba lo Mxosa ude wa. fundiswa ngokupakamileyo.—Bambalwa abahlala ixesha elidana esikolweni

ASINGI singenzakalisa bani kuma Ngesi ezinye intlanga xa siti, nakuba singenakutsho ukuti Amen, kuko konke akutetileyo u-Mr. Goschen, ngakumbi ngemicimbi yemali kuba asigqibe kuyiqonda, kodwa njengaba ntsundu abakanyi- selweyo masiti tina sincedwe yimizamo yonyana bama Skotshi, abangabafundisi nabangengabo. Ama Skotshi ngabantu ababehle bayifumane indlela yabo entwe- ni ezirabaxa. Yiyo lonto bateke kubantu abantsundu babazinceke, kukuba seloko bapatwa kakuhle ngabo. Koku kuba nokujika inkataZO bazenze amatye okucancatela kwi mpumelelo okubange

ISIZWEKAZI esikulu kunene sase Mangesini, esipiko kade sikoncile pantsi kwalo enkululekweni, sadla uyolo Iwama- lungelo adliwa nayiyona ncekenceke ye Ngesi, esosizwe kungoku sisezingxaba- nweni nenkoliso yezizwekazi ezinama- ndla zase Europe. Ngokwenyaniso u- Rulumeni wa^e Mangesini sitelanje iha- inbiso

sikizini kanye, mayelana nokungenela pakati e-Asia kwama Russia. Akukabi kade kananjalo abete ainapepa endaba ase Germany nawase England ada imfazwe abonakala seleyipete emilonyeni ngoku- suka u-Lord Granville azizilize ukupen- dula u-Lord Bismarck (oyinkosi yama Jelimeni) mayelana nenteto eyayinge Angra Pequena. Ekute kananjalo kuba ama Ngesi ete akakoliseka yimpato ye France kwindawo ezinjenge Madagascar ne Koloni zase Australia, aselevuyelela ama French ngokwazi ukuba kanene i- Ingilane inkatazo ziyivelele ngamacalana onke, ngase Yeputa, kwela Bahlambeli nangase Asia

NAKUBANJE sekubonakala ukuba u-Rulumente wa Pesheya kungoku uhlelwe lilishwa lokusuka abe nempambano nezi- uye izizwe ezikulu, yona inyaniso yoko- kuba isizwe sama Ngesi sinamandla kwa- ye kananjalo kungabonakali okokuba ku- ngabako esinye isizwe esingafumana singxamele ukulwa naso, asiyiyo netanda- tyuzwayo. Ne Russia le nangoku ku- ngokuba icinga okokuba ngokuba into engayifumanayo e-Ingilane ekunzima ukuyifumana ngamanye amaxesha, ngo- kukangelake kwezizipitipiti zikoyo apa e-Afrika nalentswela mvisiswano nama Jelimeni nama French. Ke zona i-Kolo- ni zase Australia nase Kanada sezikupe uncedo lokunceda elozwe lisisinqe kwasikolisa kuneneke isizwe sase Ma- ngesini oko, ukubona ukuba kanti maxa lemfuneko

NAKULE yetu i-Koloni kekwavakaliswa izwi lokokuba makubeko into eyenziwayo eyakubonisa ku Rulumente Omkulu oko- kuba nakule yetu i-Koloni kungalindelwa uncedo, suka lonto yayawa tiwa yaba nga- bandayo amanzi kwangalomoya sikesawa- lata ngapambili koku, umoya onga ungalutimba amandla, ukub' awunakuti sewu- lutshabalalisa mpela kanye Ulaulo Iwe Nkosazana kwelilizwe. Ukubake amako- wetu ibingabapengululi zinto zasentlalwe- ni ababaz' amehlo bebeya kuwagqwes' impela ama Yulopu kwelakowawo, ngokuti bakupe amadoda ukuba aye kunceda u- Rulumente wa Pesheya kulamfazwe ise Yeputa e-Soudán nokokuba kungayipina indlela angati ayinqwenele yena ngokwa- ke. Kungati kwenziwe into enjengaleyo yenziwa zezizizwe zingamaroti nezinga- bafo basezimfazweni zase South Africa apa lonto ingabangela uknba sitandeke kuma Ngesi apesheya, ize ke ngoko abe kapu- kapu ngakumbi ekupulapuleni kwizikalo zetu, babe kapukapu kananjalo ekuzeni kusinceda kwizipitipiti ezinjengeziyake zela Bahlambeli, abate besuka pezulu uku- za kusikusela kubantu ekusoloko batana mbende nemihlaba yetu. Masingakulibali okokuba ziseninzi intili ezintle kumaxa anjalo. Singavuyake ukuva elamakwetu kulenteto.

NJENGOKUNGATI ipepa lase Bayi *i-Advertiser* lituna ukubonisa ukuba abo bangene ekudlaleni lomdlalo udume kanga- ka ngelixesha uyi Bola, baka basebenza unangoku basasebenza baye lelela yobom bayinyuka ngentembeko yokuzisebenzela litika lisinike amagama ododana oluntsu- ndu Iwase Bayi obeludlala ibola ngo Mgqi- belo odluleleyo ne club yamagwangqa ekutiwa yi Port Elizabeth C. C., kunye ne- gama lendawo elowo asebenza

Amagama abadlali. Indawo zentsebenzo.

F. Makwena (Capt.) kwa Messrs. J. Joseph & Sons
H. Pezisa ..... „ Messrs. W. R. Jecks & Co.
G. A. Ross..... Messrs. W. R. Jecks &Co.
M. Foley ..... „ Messrs. Ryall, King & Co.
J. Morley..... „ Messrs. Poppe, Schunhoff A Guttery.
J. Mdana ... ... kwa Messrs. Savage A Hill. A Koster.
B. Swaartbooy Mr. J. A. Holland. Mr. W.
A. Mabope ... C. Thomson. (Teacher E. M. School).

ABAPETE IZITOKWE kulendlela ka Loliwe iya e-Alvani abakayeki inanamhla ukubapata ngqongqo abantsundu abasebe- nza endleleni apo, njengoko siyayo kwela- se Burghersdorp *1-Albert Record* ukuba ngo Mgqibelo odluleyo kekwako inkatazo ezikoyo mayelana nomamnkelo ezide za- bangela ukuba amadoda angavumi ukuse- benza. Nokoke kuyanelisa ukuva ukuba Umongameli wabapete Izitokwe wenze indawo yokokuba umsebenzi wona unge- mi nakuba kuko lompambano ikoyo naba- sebenzi. Ilizwe lipela kubonakala kuti ngati laneliswe kakulu kukubona ababantu bantsundu beyibekela nxamnye imi- kwa yabo emidala yobunqenera nokuso- loko befumana behambanje ngapandle kwento yokwenza, engelisitike ngoko i-Rulumente yalo iyikangele injengengozi yonke into, emisebenzini

INYE into, masitembe njalo, ayakuti u-Rulumente, nakuba engazise so intwana ezingati zincinane, ayakuti yona ayilumnkele, yileke yokunqumla olulilobo Iwalenqubo ati kwa umnini stokwe abanike ukudla ngetyala abasebenzi ze selebamba into abayityileyo emalini yabo. U-Firbank & Co., abangabo ngoku abata- te isitokwe sonke salendlela yase Alvani, basinike esosigxeko ngokwaneleyo. Ixa abalolulelweyo lelenyanga ezimbini. Ukucelwa kokolulwa kwaka kwatiwa kungenxa yokuba kuko ingqakaqa pakati kwabantsundu, esendibuye ndeva kwicala endilitembayo okokuba kungokuba ama Xosa akavumanga ukusebenza pantsi kwe- zo zimeko zolohlobo, kuba ngomhla wo- mamnkelo yakupela iveki bebesuka bapu- me ze bangabi nayo nento le abayibamba esandleni. Ukuqalwa kokusetyenzwa kwa- leya iya e-Kimberly kuyakubangela ukuba kutandabuzeke ukugqitywa kwaleya yase Alvani, xanje abantu bona bayakusuka bapume baye kungena kuleya intsha, nokubana nayo ibuye

IMPROPER PRACTICE.—A quack doctor's

A WEDDING TRIP.-Stumbling over the bride a train.

ANOTHER FORM OF " DO UNTO OTHERS," *& c.* –Mr. Ruskin ig garcastic on the young lady sunday-gchool teachers. "At present," he say, "you keep the dancing to yourselves, and graciously teach your scholars the Catechism. Suppose yon were to try for a little while learning the Catechism yourselves, and teaching them to dance?"

Ibala le Cricket.

PEELTON C. C. NE MAQOMA C. C. (BROWNLEE).

Ezi club zingentla zibuye zaqubisana nge 14th March apa e-Peelton. Ziqalene lamaxa kusengwayo, ekute zakuqubisana kwaoko kwabonakala ukuba yi Ncemera endala le, ibingede ibuye ime pambi kwayo inkunzana yakwa *Mnqayi.* Umfo ka Genge noka Rubusana abavumanga ukuba abafana bakwa *Ncinda* benie, ibe nguqwiteqwite yanga yilento kubulawa amatole amaboni. Ite kuba eliqela lizibiza ngegama lenkosi u-Maqoma ibike yakubona okwezolo, okwenziwa ngumfo ka Maci ekuboleni, yavakala isiti hayi yena makaugaboli.

Masendisiti kuwe nofunda, lahlaziswa ngababafana igama lomntana ka Ngqika, engesililile ukuba besinga *Majingqi.*

Hlala ! uncame *Maqoma* kuse fam' apa, kwakusenziwa ngabom ngapambili kurwetywa wena uti umele u-Buluneli.

PEELTON C. CLUB.

EIRST INNINGS.

T. Richard, b Jonathan	0
A. Maki, c Ngantweni	0
E. Thom, b do	4
A. Genge, b E. Genge	12
A. Maci, c Ncapayi	17
N. Bana, run out	0
F. Hartland, b Ngantweni	0
E Vena, b do	11
W. B. Rubusana, not out	1
S. George, b Ngantweni	1
E. Bakaco, b E. Genge	0
Extras	16
Grand Total	62

MAQOMA C. C.

1ST. INNINGS.		2ND. INNINGS.	
Edward, b Rubusana	7	b Rubusana	0
Alexander, c do	2	c Bana	2
Meya, c Maci	0	c Fred	0
Mafuta, c & b Rubusana	0	c A. H. Maci	0
Ngantweni, c A, Maci	0	b Rubusana	0
Nqumati, run out	4	b A. Genge	7
Maqo, b Genge	3	c A. H. Maci	1
Tom, c Vena	3	b Rubusana	1
Dumile, b Rubusana	1	b do	2
Jonathan, b do	1	b do	0
Egbert, not out	0	not out	0
Extras	4	Extras	5
Total			

ONCE MORE C. C. VS HEALD TOWN C. C.

Lomdlalo webola wabako e-Nxukwebe pakati kwamadodana aqeqeshwa kweso- sikolo adlala ibola pantsi kwegama loku- ba *Once More Cricket Club,* nawase sixe- kweni, ati ayi *Heald Town Cricket Club.* Amanani abonisa ukuba anyatelene ngo- bontsi. Umdlalo uhambe ngoluhlobo :—

ONCE MORE CRICKET CLUB.

(HEALD TOWN INSTITUTION.)

1ST. INNINGS.		2ND INNINGS.	
Magaba, J. J. b Tshomela	0	run out	0
Jabavu, J. c Mahlubi	0	b Majiya	1
Mbongwe, J. b Tshomela	0	c Kwaza	0
Ndlazulwana, c do	4	b Tshomela	3
Mali, A. c Mahlubi	3	b Majiya	0
Rwexwana, c Tshomela	0	b do	3
Jubeju, R. c Mahlubi	6	b do	6
Bontshela, b Mahlubi	0	c Jabavu, J. B.	2
Mdolomba, b Tshomela	0	not out	3
Bikwana, c Jabavu	5	b Tshomela	0
Kwaza, J. not out	0	c Mahlubi, A. S.	3
Total	18		21

HEALD TOWN C. C. (LOCATION),

1ST. INNINGS.		2ND. I NNINGS.	
Mqedazwe, b Mbongwe	3	lbw Mbongwe	4
Jama, C. c Jabavu	0	b do	0
Majiya, B. c Mali	1	b Mali	o
Mahlubi, b Mdongwe	4	b Mbongwe	7
Stuart, W. b do	3	b do	o
Mahlubi, b do	0	c Mali	0
Hoko, J. b do	0	run out	o
Mjokozeli, b do	1	b Mali	o
Jabavu J. B. b do	4	not out	i
Kwaza, T. c Jabavu			
Total	18		19
			18

Grand Total ... 37

AMANGESI NABANTSUNDU.

Umdlalo wangomqibelo, ubonise ukuba kudlala amadoda. Amangesi okwenene afumene uloyiso njengokuba lamanani ebonisa ; kodwa alufumene nzima. Bafise okwamaboni abantu bakowetu ngamangeno okaqala, ngawesibini sibize kumashologu akowetu kwafaneleka. Ingxelo yiyoleyo. Umntu owancedileyo amangesi nga Scherm- brucker.

ALBERT CRICKET CLUB.

Leary, c G»wler b Ngcumbe	5
Gordon, c Gawler b Ngcumbe	5
Simpson, c Zondani b Ngcumbe	19
Schermbmcker, not out	110
Tully, b Mtakati	10
Byrne, run out	6
Sheehan, c Umhala b Ngcumbe	18
Randall, b Gawler	1
Straker, b Gawler	17
Total	210

